Isifundo 11

**Septemba 2-8*

Inkululeko KuKristu

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:
Gal. 5:1–15; 1 Kor. 6:20; Roma 8:1; Heb. 2:14, 15; Roma 8:4; 13:8.

Indima Yenkumbulo:
"Kuba nina nabizelwa enkululekweni, bazalwana; kodwa ke musani ukuthi, ukuyiphatha inkululeko leyo, nivulele inyama ithuba; manisuke ngalo uthando nikhonzane" (Galati 5:13).

KumaGalati 2:4, uPawulos ubhekisa ngokufutshane ekubalulekeni kokukhusela "inkululeko" esinayo kuKristu Yesu. Uthetha ngantoni, phofu, uPawulos xa ethetha "[nge]nkululeko," into ayenza rhoqo? Iquke ntoni le nkululeko? Le nkululeko ihamba yokuma phi? Ingaba inayo imida? Inakuhlangana ngantoni inkululeko ekuKristu nomthetho? UPawulos uphendule le mibuzo ngokulumkisa amaGalati ngeengozi ezimbini. Eyokuqala kukuqononondiswa komthetho. Abachasi bakaPawulos eGalatiya babexakeke kukuzama ukuzuza ukuthandwa nguThixo ngokuziphatha kwabo kangangokuba balahlekwa ngumbono yimvelo ekhululayo yomsebenzi kaKristu, nowosindiso ababesele benalo kade kuKristu ngokholo. Ingozi yesibini, ngumkhwa wokuphatha kakubi inkululeko uKristu asithengele yona ngokubuyela emva ekurheletyeni. Abo banale mbono, baphazama ngokucinga ukuba inkululeko iphikisana nomthetho.

Kokubini, ukuqononondisa umthetho nokurheletya kuchasene nenkululeko, kuba ngokufanayo kugcina abo bazenzayo ezo zinto kuhlobo lobukhoboka. Isibheno sikaPawulos kumaGalati, sesokuba beme baqine enkululekweni yenene eyiyeyabo kuKristu ngokusemthethweni.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 9.*

Cawa

Septemba 3

UKristu Usikhulule

“Yimani ngoko enkululekweni, athe uKristu wasikhululela kuyo; nize ningabuyi nibanjwe yidyokhwe yobukhoboka” (Galati 5:1).

Njengomyalelo ohlaba ikhwelo wenkokheli yomkhosi usenziwa kumabutho athandabuzayo, uPawulos ukhuza amaGalati ukuba anganikezeli ngenkululeko yawo ekuKristu. Igunya nokunyanzelisa kwelizwi likaPawulos lenza ukuba amazwi akhe aphantse ukubonwa etsiba ngaphaya kwephepha esenziwa. Kanti ke, ingathi yeyona nto kanye le uPawulos ebefuna yona. Nangona le ndima ihlangene ngomxholo nokungaphambili nokulandelayo, ukukhawuleza kwayo nokungahambelani nomxholo wendlela yokwakhiwa kwesivakalisi esiGrikeni kunika ingqondo yokuba uPawulos wayefuna ukuba le ndima ithi qabavu ivele njengebhodi yombhalo omkhulu kakhulu. Inkululeko kuKristu iqoshelisa yonke ingxoxo kaPawulos, kwaye amaGalati ayesengozini yokuyilahla.

Funda Galati 1:3, 4; 2:16; nesesi-3:13. Zeziphi ezinye zezifaniso ezisetyenziswe kwezi ndima, kwaye zisinceda njani ukuba siyiqonde into uKristu asenzele yona?

Amazwi kaPawulos athi, “athe uKristu wasikhululela kuyo” (Gal. 5: 1), anokutrhi apha unaso esinye isifaniso engqondweni. Ukubhalwa kwale ntethwana kuyafana nendlela esetyenzisiweyo ekukhululweni okungcwele kwamakhoboka. Ngenxa yokuba amakhoboka engenawo amalungelo asemthethweni, kwakumele ukuba uthixo unokuyithenga inkululeko yawo, lize lona ikhoboka nangona likhululekile ngokwenene, libe lelikathixo lo ngokusemthethweni. Kanti ke, kwakufikelela ekwenziweni, le nkqubo yayiyintsomi; yayilikhoboka elalihlawula imali kuvimba wasetempileni kwinkululeko yalo. Cinga, umzekelo, indlela eyayisetyenziswa komnye kwimibhalo esondele ewakeni eyafunyanwa etempileni usiya kuApollo wasePyithia eDelphi kwisithuba sika-201 B.C. ukuya ku-A.D. 100: “Ukuze azuze inkululeko, uApollo umPythia Wathenga kuSosibus waseAmphissa ikhobokazana eligama linguNicaea . . . Intlawulo, phofu, uNicaea wayinika uApollo ukuze azuze inkululeko.”—Ben Witherington III, *Grace in Galatia (Grand Rapids, Mich.: William B. Eerdmans Publishing Company, 1998),* p. 340. Le ndlela inokufana neyokuthetha kukaPawulos, kodwa ukho umahluko obalulekileyo. Kwisifaniso sikaPawulos, akukho ntsomi ifumanekayo. Asizange sikhuphe ntlawulo thina ngokwethu (1 Kor. 6:20, 7:23). Ixabiso laliphakame kakhulu ukuba singakwazi. Sasingenawo amandla okusisindisa, kodwa uYesu wangenelela wasenzela oko besingenako ukukwenza thina (nalapho, singakhange silahlekwe bubomi bethu). Wahlawula isohlwayo sezono zethu, ngaloo ndlela esikhululula ekugwetyweni.

Khangela kobakho ubomi. Ukhe ucinge ukuba unganakho ukuzisindisa? Impendulo yakho imele ukukuxelela ntoni ngendlela omele ukuba nombulelo ngayo ngoko sikunikiweyo kuYesu?

Indalo Yenkululeko YobuKristu

Umyalelo kaPawulos wokuma nkqi enkululekweni awungumthi uzimele. Intetho ebalulekileyo eyinyaniso eyikhokelayo ithi: "UKristu usikhulule." Kutheni ke ngoko kufuneka ukuba amaKristu eme aqine enkululekweni yawo? Kungokuba uKristu sele ewakhulule. Ngamanye amazwi, inkululeko yethu isisiphumo sento uKristu asele esenzele yona. Lo mzekeliso wentetho eyinyaniso elandelwa kukucenga ngumfuziselo weeleta zikaPawulos (1 Kor. 6:20; 10:13, 14; Kol. 2:6). Umzekelo, uPawulos wenza imiqondiso eliqela kumaRoma 6 ngezinto eziyinyaniso ngemeko yethu kuKristu, njengokuthi, "Sikwazi nje oku, ukuba umntu wethu omdala wabethelelwa emnqamlezweni kunye naYe" (Rom. 6:6). Ngenxa yale nyaniso, uPawulos uyakwazi ukunika isicengo esinyanzelisayo, "Ngoko isono masingalawuli emzimbeni wenu onokufa" (Roma. 6:12). Le yindlela kaPawulos yokuthi, "Yibani yile nto niyiyo kade kuKristu." Ubomi bemfezeko beendaba ezilungileyo abuzisi mthwalo wokuzama ukwenza izinto ukuze sibonise ukuba singabo abantwana bakaThixo.

Yintoni asikhulule kuyo uKristu? Roma 6:14, 18; 8:1; Galati 4:3, 8; 5:1; Hebhere 2:14, 15.

Ukusetyenziswa kwegama inkululeko ukuchaza ubomi bobuKristu kuxhaphake kakhulu kwiileta zikaPawulos kunakuzo naziphi ezinye iindawo kwiTestamente eNtsha. Igama inkululeko noko lihambelana nako lifumaneka amaxesha angama-28 kwiileta zikaPawulos, xa kuthelekiswa ne-13 kuphela kwezinye iindawo. Uthetha ukuthini uPawulos ngenkululeko? Okokuqala, asiyonto nje engabambekiyo. Ayibhekisi kwinkululeko yezopolitiko. Inkululeko yezendyebo, okanye inkululeko yokuphila nangoluphi uhlobo esiluthandayo. Ngokuchaseneyo noko, yinkululeko emile kubudlelwane noYesu Kristu. Ngokomxholo, inika into ethi uPawulos ubhekisa ekukhululekeni ebukhobokeni nasekugwetyweni bubuKristu obuqhutywa ngumthetho, kodwa inkululeko yethu iquke okungaphezulu koko. Ihlanganise ukukhululeka esonweni, ekufeni okungunaphakade, nakongendawo. "Ngaphandle kuka Yesu Kristu, ubukho bomntu bubonakala buyimbophelelo—imbophelelo emthethweni, imbophelelo kwiziqalelo zenkohlakalo ezalise ilizwe, imbophelelo esonweni, enyameni, nakongendawo. UThixo wamthuma uNyana waKhe ehlabathini ukuze abutshabalalise ubukumkani baba bagcini bamakhoboka."—Timothy George, *Galatians*, p. 354.

Zinto zini oziva ulikhoboka kuzo ebomini? Funda ngentloko umaGalati 5:1 ucele uThixo ukuba ayenze inkululeko onayo kuKristu ibe yinene ebomini bakho.

Iingozi Eziyimiphumela Yoqononondiso-mthetho (Gal. 5:2–12)

Indlela awaqala ngayo uPawulos amaGalati 5:2–12 ibonisa ukubaluleka koko aza kukuthetha. “Khangelani” (ESV), “Mamelani!” (NRSV), “Yivani amazwi am!” (NIV), “Niyabona, mna, Pawulos, ndithi kuni.” UPawulos akagezi. Ngokusebenzisa kwakhe igama elinyanzelayo, Niyabona, akaneli nje ukwenza ukuba abafundayo bammamelisise, kodwa ukwasebenzisa igunya lakhe lobupostile. Ufunda ukuba baqonde ukuba, ukuba iiNtlanga ziza kuziyekela elwalukweni ukuze zisindiswe, kufuneka ukuba amaGalati ayiqonde ingozi yeziphumo ezibandakanyeka kwisigqibo sawo.

Funda amaGalati 5:2–12. UPawulos ulumkisa uthini ngombandela wolwaluko uwonke?

Iziphumo zokuqala zokuzama ukuzuza ukuthandwa nguThixo ngokuziyekela kulwaluko zezokuba oko kunyanzelisa ukuba umntu awugcine umthetho uphela. Ulwimi lukaPawulos kwiindima yesi-2 neyesi-3 luquka ukudlala ngamagama okunika umdla. Uthi, uKristu akayi kubazuzisa nto (ophelesei); endaweni yoko aya kuxhomekeka (opheiletes) emthethweni. Ukuba umntu ufuna ukuphila ngokomthetho, akazokusuka achole nje akhethe imithetho aza kuyilandela. Kufuneka iyonke, okanye ingabikho.

Okwesibini, baya “kunqanyulwa” kuKristu. Isigqibo sokugwetyelwa ngemisebenzi siquka kwangelo xesha linye ukwaliwa kwendlela kaThixo yokugwetyelwa kuKristu. “Anisayi kuzifumana zombini ezi ndlela. Aninako ukufumana uKristu, ngokwenza oko nibe nivakalisa ukuba aninakho ukuzisindisa ngokwenu, nize nibuye namkele ulwaluko, ngalo olo nibe nibanga ukuba ninakho [ukuzisindisa ngokwenu].”—John R. W. Stott, *The Message of Galati (Leicester, England: InterVarsity Press, 1968)*, p. 133. Inkcaso yesithathu kaPawulos elwalukeni yeyokuba luphazamisa ukukhula kwasemoyeni. Inkcazo yakhe ethelekisayo yeyembaleki okuthi ukubheka phambili kwayo entanjeni, kusuke kuchithwe ngabom. Kaloku, igama eliguqulwe “ukuthintela” (indima. 7) lalisetyenziswa emkhosini ukubhekisa “ekonakaliseni indlela okanye ukudiliza ibhulorho okanye ukubeka imiqobo endleleni yotshaba, ukumisa ukubheka phambili kwawo.”—*The SDA Bible Commentary,* vol. 6, p. 978.

Ekugqibeleni, ulwaluko lususa isiphazamiso somNqamlezo. Njani? Isigidimi solwaluko sithetha ukuba unakho ukuzisindisa ngokwakho; ngalo ndlela lukhohlisa ikratshi lomntu. Isigidimi somNqamlezo, sona sithiyekile kwikratshi lomntu, kuba kufuneka sivumile ukuba sixhomekeke kuKristu ngokupheleleyo. UPawulos unomsindo kakhulu ngakwaba bantu ngokuzingisa kwabo elwalukeni kuba uthi, unga ingaphuncuka imela ukuze bazaluse bona! Aza alukhuni la mazwi, kodwa ilizwi likaPawulos libonisa indlela azimisele ngayo kwiimbono zakhe kulo mba.

Lwesithathu

Septemba 6

Inkululeko Ingelulo Urheletyo (Gal. 5:13)

UmaGalati 5:13 uphawula apho kujikwa khona kwincwadi yamaGalati. Nangona ukuza kufika kule ndawo, uPawulos uye waqwalasela ngokupheleleyo kulwazi ngoThixo kwisigidimi sakhe, ngoku ubuyela kumba wokuziphatha komKristu. Umelwe ukuphila njani umntu ongasindiswanga ngemisebenzi yomthetho?

Kokuphi ukusetyenziswa gwenxa kwenkululeko okunethuba lokubakho uPawulos afuna ukuwagcina amaGalati ukuba angakwenzi? Gal. 5:13.

UPawulos wayekwazi kakuhle ukubakho kwethuba lokungaboni ngasonye okuhamba nokucinezela kwakhe kubabalo nenkululeko anayo amakholwa kuKristu (Roma 3:8; 6:1, 2). Inkathazo, kunjalo, yayingeyovangeli kaPawulos kodwa ingumkhwa wabantu wokuziyekela [esonweni]. Amaphepha embali azele ngamabali abantu, izixeko, nezizwe ezinkohlakalo yazo nokuhla ukuya kwisiphithiphithi ekuziphatheni kwakuhambelana ngqo nokuswela kwabo ukuzilawula. Ngubani ongakhange naye abe nawo lo mkhwa ebomini bakhe? Yiyo le nto uPawulos ebiza abalandeli bakaYesu ngokucacileyo ukuba bakuphephe ukuziyekela ngokwasenyameni. Kanti ke, ufuna benze okunye, ukuthi "ngothando bakhonzane." Nanjengoko okhonza nabani na ngothando esazi, yinto le enokwenziwa ngokuthi umntu afe ku-mna, afe enyameni. Abo bayiyekelayo eyabo inyama abangabo abakholisa ukusebenzela abanye. Abakwazi. Ngoko ke, inkululeko yethu kuKristu asiyiyo inkululeko nje esuka ekukhotyokisweni lihlabathi, koko lubizo oluya kuhlobo olutsha lokukhonza, umthwalo wokukhonza abanye ngothando. "Lithuba lokuthanda ummelwane ngaphandle kwesithintelo, ukubanakho ukudala amabandla asekuhlaleni azinze phezu kokuzinikela endaweni yokuzingela amandla nesikhundla."—Sam K. Williams, *Galati (Nashville, Tenn.: Abingdon Press, 1997)*, p. 145. Ngenxa yokuqhelana kwethu nobuKristu kunye namazwi enguqulelo zangoku zikamaGalati 5:13, kulula ukungawahoyi amandla awothusayo amele ukuba aziswe ngala mazwi kumaGalati. Kuqala, ulwimi lwesiGrike lubonisa ukuba uthando olukhuthaza olu hlobo lwenkonzo asilo thando nje oluqhelekileyo lomntu—oko akunakwenzeka; uthando lomntu lukholisa ukuxhomekeka kwiimeko. UPawulos usebenzisa isibizo uthando njengesibizo soqobo ukubonisa ukuba ubhekisa kuthando lwezulu esilufumana kuphela ngoMoya (Roma 5:5). Eyona nto imangalisa kakhulu yeyokuba igama eliguqulwe ngokuthi "ukukhonza," ligama lesiGrike "lokwenziwa ikhoboka." Inkululeko yethu ayijonge ukwanelisa thina kodwa ijonge ukuba sikhonzane omnye nomnye ngokumile kuthando lukaThixo.

Khawunyaniseke: Wakha wayicinga into yokuba ungayisebenzisa inkululeko onayo kuKristu ngokuthi ukhe uziyekele kwintwana yesono apha naphaya? Yintoni embi kakhulu ngaloo ndlela yokucinga?

Ukuwuzalisa Wonke Umthetho (Gal. 5:13–15)

Ungayihlanganisa njani intetho kaPawulos eyalayo "[ngo]kuwenza umthetho uphela" (Gal. 5:3) nentetho yakhe evumayo ethi "umthetho wonke uzaliswe" (Gal. 5:14)? Thelekisa umaRoma 10:5; Gal. 3:10, 12; 5:3 nomaRoma 8:4; 13:8; Gal. 5:14.

Abaninzi babona umahluko phakathi kwentetho engentle kaPawulos "ngokuwenza wonke umthetho" kunye nezintle "ngokuwuzalisa wonke umthetho" ngokungathi ziyaphikisana. Aziphikisani. Isisombululo sisekubeni uPawulos usebenzisa ngenjongo intethwana nganye ukwenza ukuba kubekho umahluko phakathi kweendlela ezimbini zokuchaza ukuziphatha komKristu ngokwasemthethweni. Umzekelo, kubalulekile ukuba, xa uPawulos ethetha kakuhle ngokugcinwa komthetho ngumKristu akaze akuchaze njengo"kwenza umthetho." Loo ntethwana uyigcinele ukubhekisa kokuziphatha okulahlekileyo kwabo baphila phantsi komthetho baye bezama ukuzuza ukwamkelwa nguThixo "ngokwenza" oko kuyalelwa ngumthetho. Oku akuthethi ukuba abo bafumene usindiso kuKristu abathobeli. Akukho nto iya kuze ibe kude enyanisweni ngaphezu kwaleyo. UPawulos uthi "baya wuzalisa" umthetho. Uthetha ukuthi, ukuziphatha kobuKristu kungaphezulu kakhulu kunokuthobela okubonakala ngaphandle "kokwenza" nje umthetho; "kuyawuzalisa" umthetho. UPawulos usebenzisa igama ukuzalisa kuba lihamba lidlule ngaphaya "kokwenza" kuphela. Olu hlobo lokuthobela lumile kuYesu (bona Mat. 5:17). Alukuko ukuwuyeka umthetho, ingekuko nokuwucutha ukuba ube luthando, kodwa yindlela athi ngayo okholwayo abe nenjongo nentsingiselo eyinyaniso yawo uwonke umthetho.

Kuphi apho, ngokukaPawulos, ifunyanwa khona intsingiselo epheleleyo yomthetho? Lev. 19:18; Marko 12:31, 33; Mat. 19:19; Roma 13:9; Yakobi 2:8.

Nangona isisicatshulwa esikuLevitikus, intetho kaPawulos kumaGalati, ekugqibeleni, imile ekusebenziseni kukaYesu uLevitikus 19:18. UYesu ke wayengekuphela komfundisi womYuda ukusebenzisa uLevitikus 19:18 njengesishwankathelo sawo uwonke umthetho. URabhi Hillel, owayephila kwisizukulwana esingaphambi kukaYesu, wathi, "Into ethiyekileyo kuwe, musa ukuyenza kummelwane wakho; lowo ngumthetho uphelele." Noko ke, indlela uYesu ayibeka ngayo inokwahluka okucacileyo. (Mat. 7:12). Ayaneli ukuza ngobuhle, kodwa ikwabonisa ukuba umthetho nothando asizozinto zingadibaniyo. Ngaphandle kothando, umthetho awuphethe nto kwaye uyabanda; ngaphandle komthetho, uthando akukho apho luya khona.

Kokuphi okulula, ngokuba kutheni: ukuthanda abanye, okanye ukugcina imiThetho eliShumi? Yiza nempendulo yakho eklasini.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"UKholo lwenene lusoloko lusebenza ngothando. Xa ukhangele eKalvari, asikuko ukuzolisa umphefumlo wakho ngokungawenzi umsebenzi wakho, ingekuko ukuzilungiselela ukulala, kodwa ukuze udale ukholo kuYesu, ukholo oluza kusebenza, oluhlambulula umphefumlo wakho kubunyhukunyhuku bomona. Xa simbamba uYesu ngokholo, okona umsebenzi wethu uqala. Wonke ubani unemikhwa yenkohlakalo nesono ekufuneka yoyiswe ngedabi elishushu. Wonke umphefumlo kufuneka ulwe idabi lokholo. Ukuba ubani ungumlandeli kaKristu, akanakho ukuba bukhali ekurhwebeni, akanakho ukuba yingqola, angabi naluvelwano. Akanakho ukuba nentetho erhabaxa. Akanakuzaliswa kukuzigwagwisa nokuziphakamisa. Akanakho ukuba yindinisa, engenakho nokusebenzisa amazwi angqwabalala, agxeke, ahlasele. "Umsebenzi wothando uphuma emsebenzini wokholo. Inkolo yeBhayibhile ithetha ukusebenza ngokuzingisileyo. 'Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu; ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uYihlo osemazulwini.' 'Lusebenzeni nilufeze olwenu usindiso, ninokuzoyikela nokungcangcazela; . . . , kuba nguThixo okusebenzayo ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe.' Kufuneka sizondelele imisebenzi elungileyo; silumke siyigcine imisebenzi elungileyo. Lithi iNgqina eliyinyaniso, 'Ndiyayazi imisebenzi yakho.' "Nangona kuyinyaniso ukuba ukuxakeka kwethu kukusebenza usindiso, kukwayinyaniso nokuba ukholo olusihlanganisa noKristu luya kuwushukumisela ekusebenzeni umphefumlo (MS 16, 1890)."—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1111.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Njengeklasi, jongani iimpendulo zenu kumbuzo wokugqibela wesifundo sangoLwesine. Kokuphi onokukukhetha okufumana kulula kakhulu, kuba kutheni? UPawulos uthi ukholo "lusebenza" ngothando. Kuthetha ntoni oko? Zithini iinyaniso ezibalulekileyo ekuxelela zona impendulo yakho ngoko kuthetha kona ukuzalisa umthetho?

2. UPawulos uthi ukholo "lusebenza" ngothando. Kuthetha ntoni oko?

3. Hlola ingcamango yokuzama ukusebenzisa inkululeko yakho kuKristu ekuziyekeleni kwisono? Kutheni le nto kulula ukwenza oko? Xa, phofu, abantu becinga ngaloo ndlela, nguwuphi umgibe abangena kuwo? (bona: 1 Yohane 3:8.)

Isishwankathelo:

Inkululeko lelinye lamagama awathandayo uPawulos ukuchaza iindaba ezilungileyo. Libandakanya kokubini, oko uKristu asenzele kona ekusikhululeni kwimbophelelo ehlabathini kunye nendlela esibizwa ukuba siphile yona ubomi bobuKristu. Kufuneka silumke, kodwa, ukuba inkululeko yethu ingabi lixhoba loqononondiso-mthetho okanye urheletyo. UKristu akasikhululelanga ukuba sikhonze iziqu zethu, kodwa ukuba sinikele ubomi bethu kulungiselelo lwabamelwane bethu.

Notes